



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2017

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P2
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-18.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – K.S. BONGELA****ISICATSHULWA A**

- 1.1 1.1.1 Igama lakhe nguLungile ✓ (1)
- 1.1.2 Ngumsebenzi apho umntu athengisela abantu ipolisi eziza kubanceda xa bethatha umhlala-phantsi ✓/ Imali enceda xa kunakele imoto ize ilungiswe ✓/ Xa kuthe kwaqhekezwa endlwini ze izinto ezibiweyo zikwazi ukuthengwa ✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka]** (1)
- 1.1.3 Zizikazi/UmaDlamini ✓ (1)
- 1.1.4 Ekuqaleni kwencwadi ✓ (1)
- 1.1.5 Waye wacetyiswa nguGqirha emva kokugula ✓✓/ Ugqirha wathi ugula lunxinzelelo gazi ✓✓/ Ugqirha wathi kufuneka akhe aphumle ✓✓/ Ugqirha wathi makhe atshintshe umsebenzi ukukhawulelana nempilo yakhe ✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 1.1.6 Ewe, kuba xa athetha nonyana wakhe emcebisa wayemana esithi makaqale ave uluvo lukatata wakhe uLungile ✓✓

OKANYE

- Hayi, ekuqaleni wayemhlonipha kodwa ethubeni wasuka akamhlonipha kuba wayelahlekiswa nguNozililo. ✓✓ (2)
- 1.1.7 UNomakhwezi uthe wakuva iindaba zolwimi ngoNozililo waxabana nomyeni wakhe, nto leyo edale impixano emzini wakhe ✓✓/ Ubukhwele bakhe buphele bukhokhelela ekuswelekeni komyeni wakhe naye ✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 1.1.8 Kungafa intaka endala amaqanda ayabola ✓✓ (2)
- 1.1.9 Ewe, UMpumlelo wayenembeko ebamamela abazali bakhe ✓✓/ Ukuqeqesheka kwakhe kubonakala kwindlela athe waziphatha ngayo ngexesha eswelekelwe ngabazali bakhe ✓✓/ Indlela athe waziphatha ngayo esikolweni ibonakalisa ukuqeqesheka ✓✓/ Impatho athe wayibonakalisa kumfazi wakhe nayo ibonakalisa imbeko ✓✓/ Imbeko ayibonise kuYolisa noThamsanqa sele bengekho abazali bakhe. ✓✓ (2)

- 1.1.10 Ivenkile ifanele ukunceda abantu ngokufaka isandla kwingxaki zemali ekuhlaleni ✓✓/ Ifanele ukudlala indima kuphuculo lwezemfundo ✓✓/ Ifanele ukunceda abantu abathe batshelwa zizindlu ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)

- 1.1.11 (a) Isaci ✓ (1)

- (b) Ukudlana indlebe kukuxoxela umbandela othile ecaleni ✓ (1)

[18]

ISICATSHULWA B

- 1.2 1.2.1 Yivenkile eyayiyekaMpumelelo ✓/ YayiyekaLungile ✓/
YayiyekaNomakhwezi ✓/
Yayiyeyabazali bakaMpumelelo ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 1.2.2 YayiseMlazi ✓ (1)
- 1.2.3 YayinguNozililo ✓ (1)
- 1.2.4 Umlilo umele izinto ezimbi ezithe zenzeka apha ebalini ✓✓/ Umele
iziphumo zempixano ✓✓ (2)
- 1.2.5 Uveza ukuba ngumntu ongcolileyo ✓✓/ Ngumntu wamayelenqe ✓✓ (2)
- 1.2.6 Ndiyangqina kuba nguyey owaphembelela ingxabano phakathi kwakhe
noLungile noNoMakhwezi ✓✓/ Ndiyangqina kuba ikwanguye owaleqa
uMpumelelo emva kokufa kwabazali bakhe ✓✓/ Nguyey oququzelele
ukutshiswa kwevenkile kaLungile. ✓✓/ Nguyey owayentlokothisa
umyeni ngelifa likayisemncinci ✓✓ (2)
- 1.2.7 Kusisigqebelo kuba warhaneleka ekutshisweni kwevenkile
kaMpumelelo naye wafa ngomlilo ✓✓/ Wadlala indima enkulu
ekutsheni kukaLungile noNomakhwezi ngomlilo kodwa naye watsha
ngomlilo ✓✓ (2)
- 1.2.8 Kungokuba kuye kwahlwa nakuNozililo ekupheleni kwencwadi ✓✓ (2)
- 1.2.9 Apha encwadini akavelanga engumntu onamandla entonga enkulu ✓✓/
Uluthuzeliswe ngoNozililo yade yayokuphela incwadi ✓✓ (2)
- 1.2.10 Ewe, kuba umlinganiswa ophambili uMpumelelo uye waphumelela
kumanzithinzithi obomi ✓✓/ Iye yacaca ukuba impumelelo iza
emva kokuba kuye kwakho imiqobo ebomini. ✓✓ (2)

[17]**AMANQAKU ECANDELO A: 35****OKANYE**

UMBUZO 2: (UMBUZO OMFUTSHANE)**UMQOL'UPHANDLE – P.M. NGANI****ISICATSHULWA A**

- 2.1 2.1.1 Wayephangela kwicandelo labecuphi ✓ (1)
- 2.1.2 Wayengumabhalana kwi-ofisi kaHlobo ✓ (1)
- 2.1.3 Kusebusika ✓ (1)
- 2.1.4 Wayeyintyatyambo ✓ (1)
- 2.1.5 (a) Uzobo ngqo, ✓ Kungokuba umbhali umchaza ngokwakhe ✓ (2)
- 2.1.6 Ichaza ukuba wayencedisa uHlobo ✓✓/ Lichaza ukuba wayelimehlo likaHlobo ✓✓ (2)
- 2.1.7 Ibangele ukuba uHlobo awuve ulula umsebenzi ngenxa yokumane ekhunjuzwa nguLiziwe ✓✓/ Uhlobo uye wakhuthazeka ekuphandeni waphela eqhubela phambili ekuphandeni kwakhe kwade kwafumaneka abenzi bobubi. ✓✓
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka]** (2)
- 2.1.8 Zingumqondiso wentlupheko ✓ (1)
- 2.1.9 Sibe ngunobangela wolwaphulo mthetho oluthe lwaqhubeka apha ebalini ✓✓ (2)
- 2.1.10 Wayezama isibindi kumsebenzi wakhe wobucuphi ✓✓/ Utywala babumenza acinge ngcono ✓✓/ Babumenza azive ekhaliphile ✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 2.1.11 Ewe, kuba ipolisa lijongene nokuzisa ucwangco nokulwa ulwaphulo mthetho ✓✓

OKANYE

- Hayi, kwabanye abantu umsebenzi wamapolisa ngumsebenzi ophantsi xa uthelekiswa neminye imisebenzi ✓✓ (2)
- 2.1.12 Ukujiya kwezinto ✓ (1)

[18]

ISICATSHULWA B

- 2.2.1 Babephangela bonke eMoonglow. ✓ (1)
- 2.2.2 Waye wasweleka kwingozi yemoto, kodwa okwenze le ngozi yimbumbulu eyafunyanwa elukhakhayini entloko kuEddie ✓/ Wayedutyulwe waze woyiswa kukulawula imoto ✓ (1)
- 2.2.3 Kwakurhanelwa uLinda owayesisithandwa sikaEddie uLinda Monti. ✓ (1)
- 2.2.4 Wayewuqonda ukuba umqol'uphandle ✓✓/ Inyani ivelile ngoko basengxakini/Kwaye yayinguye awayezenze uNkosikazi Hobe ✓✓/ UMakazi kaEddie wayeqonda ukuba uhili uphumile ezingcongolweni ✓✓/ Iliwa libheke umoya ngakubo ✓✓ (2)
- 2.2.5 Kuthiwa wayengusokadala ✓/ wayeyindoda endala engenamfazi ✓ (1)
- 2.2.6 Igama lakhe nguThemba Mdoda ✓ (1)
- 2.2.7 Ithengisa iziyobisi endaweni yokonwabisa abantu. (1)
- 2.2.8 (a) Impixano yangaphandle. ✓ (1)
- (b) Ibangele ukurhanelwa kwesithandwa sikaEddie uLinda Monti ✓✓/ Ukubanjwa kukaLinda Monti/Ukufa kukaEddie Maga/Ukuvela kwababulali bakaEddie. ✓✓ Ukuzaliseka kwamazwi ababulali ayethethwa kwitape-recorder ✓✓ (2)
- 2.2.9 UEddie wayexelele uThembisa ngomakazi wakhe oseKomani ✓✓/ umashini waveza amalungu aseMoonglow efuna ukuthengisa intsangu waze yena uEddie akavuma. ✓✓/ Wawungqina nokuba nyhani ngabo ababulali kuba umhla wencoko nezigqibo zabo ngoEddie zazidibana nexesha ababethetha ngalo lokufa kwakhe. ✓✓ (2)
- 2.2.10 Ibayeza njengabantu abangalunganga kuba naku uThembisa esebenzisa imfihlelo ewayezixelelwe nguEddie ukuze afumane kwilifa likaEddie. ✓✓/ Akwazi ukwenza iyelenqe kumalinge abo okuzama ukufihla ubungqina xa bathe bamsusa esihlalweni ngokumbulala uEddie. ✓✓/ Abantu abanesibindi nabakrelekrele ✓✓ (2)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka]** (2)
- 2.2.11 Kwabangela ukufunyanwa kwababulali bakaEddie. ✓✓/ Kwavezwa ukuthengiswa kwentsangu eMoonglow. ✓✓ (2)

[17]**AMANQAKU EWONKE: 35****OKANYE**

UMBUZO 3**UMonwabisi: Zama A Japhta****ISICATSHULWA A**

- 3.1.1 Igama levenkile nguThandabantu ✓ (1)
- 3.1.2 nguRhadebe/ ✓nguSihlunu ✓ (1)
- 3.1.3 Walinikwa kuba wayethandwa kakhulu ngabantu ababethenga evenkileni yakhe/ ✓Wayethandwa kuba wayefikelela ebantwini nabo kulula ukufikelela kuye ✓ (2)
- 3.1.4 Ihlathi lokutyalwa ✓ (1)
- 3.1.5 Kunjalo, kuba abantu baseNtshiqo babephila kakhulu kule venkile ✓✓/ Kwakude kuhlale nabantu abangaziwayo ✓✓/ UMonwabisi wakhulela wafundiswa kule venkile kodwa wayengazalani nokuzalana noRhadebe ✓✓ (2)
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamnyekeka]** (2)
- 3.1.6 Ubomi basezilalini obuthe bavezwa yindlela ekuhlalwa nekuphilwa ngayo kweli bali kwenze ukuba uMonwabisi abe nobomi obuphucukileyo ✓✓/ Ubunkedama bukaMonwabisi khange bube bobunzima nobentsokolo ✓✓/ Abantwana balapha nomama wabo babemcalula uMonwabisi ✓✓ (2)
- 3.1.7 UThandabantu ibe nguyeyoye wazisa ukonwaba ebomini bomlinganiswa ophambili onguMonwabisi ✓✓ (2)
- 3.1.8 Ivenkile esezilalini iba yivenkile apha abantu bokuhlala baxhamla kakhulu ngobukho bayo ✓/ Abantu basezilalini baye basondele kakhulu kumnini wevenkile evenkileni, ✓ Kanti ivenkile esedolophini ayivamanga ukubahoya abantu njengale yasezilalini ✓/ edolophini akwaziwana nokwaziwana/ ✓ abathengi edolophini bathenga nje bahambe ✓/ abantwana baye babe nobudlelwane nomnini venkile. ✓ (2)
- 3.1.9 Yinyani, kuba indlela abakhula ngayo apho yonke into ifumaneka lula, ibenza ukuba bangakhathali ebomini ✓✓/ Abantu baye babenobudlelwane nomntu wevenkile. ✓✓

OKANYE

Luluvo, kuba ayingabo bonke abantwana abakhule ntofontofo abaye bangabukhathaleli ubomi ✓✓/ Ngamanye amaxesha kuye kuxhomekeke kwindlela abakhuliswe ngayo abantwana ✓✓ (2)

- 3.1.10 (a) Isaci ✓ (1)
- (b) Umntu ongalibambiyo igazi ekuncedeni abantu/Umntu onobubele obugqithileyo. ✓ (1)
- 3.1.11 Ukuqala kwencwadi ✓ (1)
- [18]**

ISICATSHULWA B

- 3.2.1 NguGcinumzi ✓/ Hlubikazi ✓/ Nobuntu ✓ (1)
- 3.2.2 Wayevela esibhedlele ✓ (1)
- 3.2.3 Ukukalika ✓/ Ukuvetwa ✓ (1)
- 3.2.4 UThandabantu ungutata othe wakhulisa uMonwabisi nangona engamzaliyo ✓✓/ Ungutata othe wazisa ubomi obunempucuko kuMonwabisi ✓✓ (2)
- 3.2.5 Waye wamnika ilifa levenkile ✓/ Wamnika ubomi obuphucukileyo ✓/ Wamnika amacebo okuqhubekaka phambili ebomini ✓/ Wabonisa ukuba nangona abantu bengazalani bangancedana. ✓ (1)
- 3.2.6 Imvelaphi kaMonwabisi iye yaveza ukuba umntu uyakwazi ukunikwa ilifa nangona engazalani nomntu ✓✓ (2)
- 3.2.7 Yazisa ithamsanqa kuMonwabisi nangona wayengamfuni emphethe kakubi ✓✓/ Yamomeleza ✓✓/ Yamkhuthaza ukuba ajonge kuphela into eza kumphumelelisa ✓✓ (2)
- 3.2.8 UMonwabisi uye wanikwa ilifa ngumyeni kaMamtolo nangona yena uMamtolo wayemphethe kakubi uMonwabisi engamfuni ✓✓/ NguMonwabisi odibanise eli khaya waqokelela usapho ✓✓/ Waba ngunyana wabo sele engekho owabo ✓✓/ NguMonwabisi oye watshintsha imeko yekhaya sele bona izinto zibajikele ✓✓ (2)
- 3.2.9 Ukusweleka kukaGcinumzi kwenza abantu bacinge nguThandabantu obulele unyana wakhe ✓✓/ Isimo sikaThandabantu satshintsha ngendlela ewayeqhubisana ngayo nabantu. ✓✓ (2)
- 3.2.10 Ndiyangqina kuba umlinganiswa ophambili uya waphumelela ngenxa yokusebenza nzima ✓✓/ UThandabantu waye wangusomashishini ophume izandla ngenxa yokusebenza nzima. ✓✓ (2)
- 3.2.11 Amalungu omzimba asuka awasebenza ✓/ Wasuka wafa icala ✓ (1)
- [17]**

AMANQAKU ECANDELO A: 35

OKANYE

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDIYEKENI: D.M. JONGILANGA****ISICATSHULWA A**

- 4.1 4.1.1 Zazithetha zisendlwini kwaMadala ✓ (1)
- 4.1.2 UMadala wayengusihlalo wekomiti elawula isikolo ✓ (1)
- 4.1.3 Isandla sikaMawonga ✓/ Ulisekela-nqununu (1)
- 4.1.4 Wayezokunyoka uMawonga ✓
Wayezokuchaza ngesimo sikaLoni ✓/ Wayezokuzithengisa kuMadala ukuze xa uLoni egxothiwe kungene yena ezihlangwini zikaLoni. ✓ (1)
- 4.1.5 UMaziko wenza ukuba kusoloko kukubi emsebenzini ngenxa yobunyoka bakhe. ✓✓/ OoNdila baphela bephelelwa yimisebenzi ngenxa kaMaziko. ✓✓/ UMawonga waba lixhoba lempindezelo kaNdila ngenxa kaMaziko. ✓✓ (2)
- 4.1.6 Sichaza ubunyoka bukaMaziko ✓✓/ Sichaza ukubangumxabanisi kwakhe ✓✓ (2)
- 4.1.7 UMaziko noMadala bafana ngokungcola nangokunyoluka ✓✓/ Banentliziyo ezimbi ✓✓ (2)
- 4.1.8 Isisigqebelo kuba yena bekufanela ukuba ungumzekelo ✓✓/ Bekufanele ukuba nguye onika ootitshala umkhomba ndlela angajongi isiqu sakhe ✓✓ Bekufanele ukuba nguye okhusela amalungelo ootitshala. ✓✓ (2)
- 4.1.9 (a) Iqhalo ✓ (1)
- (b) Ukuzifaka engxakini ✓/ Ukuzinqikela ilitye elinembovane ✓/ Ukuzibetha ngenyheke etyeni. ✓ (1)
- 4.1.10 Ndiyangqina kuba ngokwalapha ebalini uMadala khange ayisombulule ingxaki usuke wayongeza ✓✓/ izikolo ezininzi zinengxaki ngenxa yeekomiti ezilawula izikolo ✓✓/ Ezinye izikolo zineengxaki yekomiti ezingakwazi ukusebenza ✓✓ (2)

OKANYE

Ndiyachasa kuba kwezinye izikolo zikhona ikomiti ezisebenza kakuhle nezizisa inkqubela phambili kwizikolo. ✓✓

- 4.1.11 Ingxaki zaseNobutho ndandinokuzisombulula ngokuhlala phantsi nootitshala kuqala phambi kokuya kwibhunga elilawulayo. ✓✓/ Ndandinokubonisa ibhunga elilawulayo indlela ezinokunceda uNdila ✓✓/ Ndandinokukhe ndiqwalasele iziphakamiso eziza noMaziko ✓✓ (2)

(2)
[18]

ISICATSHULWA B

- 4.2 4.2.1 Kwakusekuseni ngentsimbi yesibini √ (1)
- 4.2.2 Zazivela kumboniso bhanya-bhanya √ (1)
- 4.2.3 Unyawo lwakhe lakhubeka emntwini phantsi kwebhedi √√/ Wabetheka kwisidumbu sikaMawonga esasiphantsi kwebhedi √√ (2)
- 4.2.4 Wayebonisa ukuvana kwabo kwaselokishini √√/ Wayembiza ngolo hlobo kuba efuna akhuthazeke kumsebenzi afuna amenzele wona √√ (2)
- 4.2.5 Hayi kuba babedityaniswa ziinjongo ezimbi zokuphalaza uMawonga √√

OKANYE

- Ewe babevana kuba bedibana ngendlela zokucinga √√
Babehlala kunye besitya imali zamadoda √√ (2)
- 4.2.6 Iindlela ekungcolelwana ngayo ngootitshala ezikolweni √√/ Indlela abantu abafundileyo abangcolelana ngayo emisebenzini √√/ Ukusetyenziswa kwamabhinqa ngabantu abangamadoda xa bengcolelana. √√/ Benzelana amayelenqe abantu bale ndawo/ √√ Basela ngoku bezizifundiswa √√ (2)
- 4.2.7 Umbhali usizobela iimeko ezimbi eziqhubeka kwizikolo zinto ezo ezingabonwayo ngabantu √√/ Wabelana nabafundi ngemeko eziqhubeka ezikolweni endaweni yokufundisa abantwana. √√
- [Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka]** (2)
- 4.2.8 Impendulo endandinokubanika yona yeyokuba “uMawonga uzityise ityhefu” √ (1)
- 4.2.9 Uphumelele kakhulu kuba uFuneka uye wamnceda kakhulu uNdila ekufezekiseni iinjongo zakhe √√/ Ube yimfuneko ngakumbi kububhetyebhetye bukaZanele √√/ Umxhasile uZanele ukuba akhohlakale afane naye. √√ Uwugqibezele uFuneka umsebenzi wakhe noNdila kuba ude watsalela isidumbu sikaMawonga ezindongeni. √√ (2)
- 4.2.10 Impixano yangaphakathi, √ kuba wayenexhala esoyika engazi ukuba makathini√/ Wayefuna ukulahla umkhondo ukuze kube ngathi ngokubiza amapolisa abazi nto kwaye bamsulwa √ (2)

[17]**AMANQAKU EWONKE: 35****OKANYE**

UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**INZALA YAMARHAMBHA: Madoda Mlokoti****ISICATSHULWA A**

- 5.1.1 YiNgcobo ✓ (1)
- 5.1.2 Wayeqesha amantombazana ukuba athengise ngomzimba ukuze yena azuze imali ✓/ Ngumnini shishini leHotele elamnkela indwendwe ✓ (1)
- 5.1.3 Babesentlanganisweni apho babexelelwa indlela ababeza kusebenza ngayo, ngumqeshwa wabo Uthambolenyoka ✓✓ (2)
- 5.1.4 Molo Mlungu ✓/ Siphilile Mlungu ✓/ Siyakuva Mlungu ✓ (1)
- 5.1.5 Ngumsebenzi wokuqeshwa kwamantombazana ukuze athengise ngomzimba. ✓✓ (2)
- 5.1.6 Kuthethwa ukuba awonqeni ukusebenzisa umzimba wawo ✓✓/ Bakhuthele ✓✓ (2)
- 5.1.7 (a) Ithambo lenyoka lihlaba elimzondayo ✓✓ (2)
- (b) Impindezelo iya kumntu ochaphazelekayo ✓ (1)
- 5.1.8 Uphumelele kuba umsebenzi wakhe ufana nqwa nowenyoka kwaye akakhathalele nto ngaphandle kwemfuno zakhe ✓✓/ Unobungozi kwaye akanalusini. ✓✓ (2)
- 5.1.9 Iye yasetyenziswa kakhulu ekulukuhleni amantombazana ukuze athengise imizimba yawo ✓✓ (2)
- 5.1.10 Ewe bendinokuqhubeka kuba ndingaphangeli kwaye unqabile umsebenzi. ✓✓ Ukuba kusokolwa ekhaya ✓✓

OKANYE

Hayi, bendinokuwuyeka kuba ndiwubonile ukuba ngumsebenzi ongaba nobungozi ✓✓ (2)

[18]

ISICATSHULWA B

- 5.2.1 Zazise-Ofisini ✓/ ZaziseOfisini kaSajini Gxalaba eNgcobo ✓ (1)
- 5.2.2 Zazincokola ngomsebenzi omhle wokubambisa uThambolenyoka ✓ (1)
- 5.2.3 Umsebenzi wabo yayibubupolisa ✓/ Babengabacuphi ✓ (1)
- 5.2.4 Kwaqala kwabanjwa uNozici kwalandelwa ngabanye ✓✓/ Baye bachaza inyani bethengisa uThambolenyoka ✓✓ (2)
- 5.2.5 Usivezela into yokuba nangona ibali liqhubekeka ezilalini izinto ezenzekayo ziyafana nezasedolophini/Iveza ukuba akusekho mahluko phakathi kwelali nedolophu ✓✓/ Nasezilalini izinto sele zatshintsha kulaa maxesha angoku ✓✓ (2)
- 5.2.6 Kusionqobelo kuba uThambolenyoka ujikelwe ngamathemba akhe engakhange awacingele ✓✓/ Kuba uThambolenyoka ucinga ukuba bafile kodwa ngoku bathi gqi bephilile sele bengamangqina. ✓✓ (2)
- 5.2.7 Sinxulumana ngokucacisa ubungozi nomngcipheko wokuthengiswa kwemizimba ngamantombazana ✓✓/ Ukunqaba kwemisebenzi kwenza ukuba abantu benze noba yimisebenzi enobungozi ✓✓/ Abantu ababhinqileyo baphila ubomi obusemngciphekweni ✓✓/ Ukunqaba komsebenzi kunegalelo ekuxhatshazweni kwamantombazana ✓✓ (2)
- 5.2.8 Impahla ezimnyama zingumfuziselo wokufa ✓✓/ Impahla emnyama ibonisa ukuzilela umntu othe wasweleka ✓✓/ Wobumnyama isithinzi ✓✓ (2)
- 5.2.9 Wavalelwa entolongweni wagwetywa iminyaka engamashumi amabini anesihlanu ✓✓ (2)
- 5.2.10 Usifundisa into yokuba ushishino ngendlela emnyama kukhokhelela kwantshabalalo ✓✓/ Kukholela kwinto yokuba xa indoda ixhaphaza amabhinqa kubakho impindezelo ✓✓/ Amabhinqa ayizizo izinto zokudlalisa ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka] (2)
[17]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

OKANYE

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDAKUYICEL'UVUTHIWE – L.L. NGEWU noE. Z. GUQA****Ikhikhizela laseDangwana – E.Z. GUQA****ISICATSHULWA A**

- 6.1 6.1.1 NguFanabekho ✓ (1)
- 6.1.2 Wayeswelekelwe ngumyeni wakhe ✓ (1)
- 6.1.3 EDangwana ✓ (1)
- 6.1.4 UFanabekho wasuka waduka iminyaka emveni kokusweleka kukayise wakhe. ✓ (1)
- 6.1.5 Wayeka kwibanga lesihlanu. ✓ (1)
- 6.1.6 Wayelilolo. ✓ (1)
- 6.1.7 Waqala waya emagqirheni ✓/ Waya nakumthandazeli ✓ (2)
- 6.1.8 Uye abe yingxaki kuba uye afekethiswe ✓✓/ Abazali bakhe baye bamkhusele kakhulu kanti bayamosha ✓✓

OKANYE

- Ubalithamsanqa ukuba ukhuliswe waqeqeshwa ngendlela eyiyo. ✓✓ (2)
- 6.1.9 Impixano yangaphakathi, ✓ kuba wayenenyungu/isazela kuba abahlobo nabantu awayefunda nabo bamshiya ezifundweni ✓/ Wayesiva kabuhlungu ezisola kodwa engenakuba sanceda nto, kuba sele emdala. ✓ (2)
- 6.1.10 Ufane wakhona kuba kwakungekho zakhe ebomini ✓✓/ Khange abe lulutho kubomi babazali bakhe nasekuhlaleni ✓✓/ Zange akwazi ukuziphucula ukuze abe nenkqubela ebomini ✓✓ (2)
- 6.1.11 Khange abenankathalo ✓/ Uhleli iminyaka emininzi engamkhangeli umntwana wakhe ✓/ Khange amkhuthaze, ✓ ukuba makaye esikolweni sabantu abadala. ✓

[Naziphi ezimbini kwezi]

(2)

- 6.1.12 Ubomi bomntu ngamnye busezandleni zakhe ✓✓/ Ixsha ekudlalwe ngalo aliphindi libuye ✓✓/ Ubomi bomntu buchwangciswa ngoku esemncinci ✓✓/ Ukungafundi kwenza ukuba umntu enze izinto ezizintloni ✓✓

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka]

(2)

[18]

ISICATSHULWA B**ITUTU LASETIKITIKI: E.Z.NGEWU**

- 6.2 6.2.1 Igama lakhe nguThobile ✓ (1)
- 6.2.2 Ingxaki yakhe yayikukugeza eklasini ✓/ Ingxaki yakhe yayibubusela ✓ (1)
- 6.2.3 Nesele ✓ (1)
- 6.2.4 Asezantsi ✓ (1)
- 6.2.5 Wayekrelekrele ✓ (1)
- 6.2.6 Wayembetha ngoswazi/wayemkhupha phandle ✓ (1)
- 6.2.7 Hayi, kuba ayikho mthethweni ✓✓/ Ayivumelekanga apha eMzantsi Afrika kuba lilungelo lomntwana ukuba abesegumbini lokufunda kwaye angabethwa. ✓✓ (2)
- 6.2.8 Sasibangelwa kukugula ngokwasengqondweni ✓✓ (2)
- 6.2.9 Waya esikolweni wokuzibuzela kutitshala ✓ (2)
- 6.2.10 Ndandinokumchaza kubaphathi besikolo ukuba ulisela ✓✓/ Ndandinokucebisa abazali bakhe ukuba bamse kwagqirha ✓✓ (2)
- 6.2.11 Waba isipaji sikatitshala ✓✓/ Waba iinkukhu zelali esesikolweni ✓✓/ Wayethatha inkomo azise eskiti aze azihlawulise ✓✓/ Wayesiba izidumbu kumzi wabangcwabi ✓✓ (2)
- 6.2.12 Umthathi uyawuzala umlotha. ✓ (1)
- [17]**

AMANQAKU ECANDELO C: 35**OKANYE**

ICANDELO D: ISIHOBE**VUKANI MADODA – A. STEMELE****FUNZELA ENZULWINI- Mema S.S.M****UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

- 7.1 7.1.1 Ibhekisa kulutsha ✓/ kumakhwenkwe neentombi ✓/
Kumlisela nomthinjana ✓ (1)
- 7.1.2 Sisaci ✓ (1)
- 7.1.3 Imisebenzi kaSathana yenzeka ebumnyameni. ✓✓/ uSathana ufaniswa
nezinto ezimbi ezenzeka ebumnyameni ✓✓/ uSathana akazenzi izinto
ezintle ✓✓/ uSathana usoloko esayanyaniswa nezinto
ezingalunganga ✓✓
- [Naziphi ezimbini kwezi]** (2)
- 7.1.4 Igwala ngumntu onoloyiko olungaphakathi aze aphele engenzi zinto
eziya empumelelweni. ✓ Ikroti ngumntu onesibindi sokwenza izinto
ezibonakalisa ukukhalipha nezisa empumelelweni ✓/ Ikroti lidela
kufa ✓ (2)
- 7.1.5 (a) Umzingisi akanashwa. ✓ (1)
- (b) Umntu ozamayo nozimiselayo entweni usoloko
enethamsanqa ✓ (1)
- 7.1.6 Ukufunzela enzulwini kukuzama ebomini uqhubele phambili nangona
kuzima. ✓✓/ Inzulu yindawo esesizibeni apho umntu anokutshona,
Kulapho umntu aye akwazi ukuphumelela xa athe wawela kuyo ✓✓/
Injongo yembongi kukukhuthaza abafundi. ✓✓ (2)
- 7.1.7 Intaka evuka kusasa ifumana umbungu otyebileyo ✓✓/ Umntu ongelilo
inqenerha uzusa isipho esihle ebomini ✓✓/ Ofuna impucuko
makathabathe izixhobo abheke phambili ✓✓/ Ovuka ekuseni aye
kusebenza ufumana umvuzo. ✓✓ (2)
- 7.1.8 Umthwalo ✓/ Umgomo ✓ (1)
- 7.1.9 Yonwabile ✓/ Ichwayitile ✓ (1)
- 7.1.10 Ewe, kuba ikhuthaza ulutsha lona ilizwe lixhomekeke kulo
ngenkqubela phambili ✓✓/ Ilumnkisa ikhuthaza abafundi ngendlela
zokuphumelela ebomini ✓✓/ Ulutsha maluzilumnkele izihlobo
oludibana nazo ✓✓ (2)
- 7.1.11 Kulo mbongo imbongi igxininisa kakhulu kuThixo nakuSathana. Ithi
uSathana uzisa ububi okanye ebumnyama ✓✓/ UThixo sixhomekeke
kuye kwimpumelelo yobomi. ✓✓/ Impumelelo yethu ixhomekeke
kuThixo. ✓✓ (2)

[18]

UMBUZO 7.2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**Inkonjane- Sigonya. V.V.**

- 7.2 7.2.1 (d) /Sisifaniso ✓ (1)
- 7.2.2 Ngoweliso ✓ (1)
- 7.2.3 Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo ✓ (1)
- 7.2.4 Imiqolo isibhozo ✓/ amagama mane kumqolo ngamnye ✓/ Umqolo wokugqibela unamagama amahlanu ✓ (1)
- 7.2.5 Yimpixano yangaphakathi. ✓/ Isizathu imbongi inomvandedwa ✓/ Ivakalelwa kugungqa intliziyo ✓ (2)
- 7.2.6 Iyagxininisa iveza ukwelama nokuthatheka kwayo. ✓✓ (2)
- 7.2.7 Kungokuba yona idalelwe ukuba mayiphile ehlotyeni ✓/ Intsiba nomzimba wayo zilungiselwe ukuba mayiphile ehlotyeni ✓ (1)
- 7.2.8 Ngenxa yokwelama nokothuka yaphela ingenanto yokuthetha ✓✓ (2)
- 7.2.9 Imbongi izama ukuveza umbono wayo ngale ntaka ✓✓/ Imbongi isizobela indlela ethe yathatheka ngayo yile ntaka ✓✓/ Imbongi ifuna abantu babelane kwaye bacacelwe ngulo mbono wayo ngale ntaka ✓✓ (2)
- 7.2.10 Luluvo, kuba abantu bazibona ngendlela ezahlukeneyo iintaka ✓✓/

OKANYE

- Yinyani, kuba zonke intaka zizidalwa zikaThixo kwaye azenzi zinto ezingadalelwanga ukuba zizenze ✓✓ (2)
- 7.2.11 Kukuzama ukusibonisa ingqibelelo yendalo kaThixo ✓✓/ Imisebenzi kaThixo ingumangaliso ✓✓ (2)

[17]**AMANQAKU ECANDELO D: 35****OKANYE**

ISICATSHULWA B

- 8.1.1 Yintaka ✓ (1)
- 8.1.2 Uthi mayintinge ibheke phezulu ✓/ Uthi mayiye esibhakabhakeni/ ✓
Uthi mayiye emajukujukwini ✓ (1)
- 8.1.3 Emthini ✓ (1)
- 8.1.4 Kukuma ndaweni nye esibhakabhakeni xa isinga ixhoba ✓ (1)
- 8.1.5 Ifaniswa nomntu kuba kuthiwa iyatyityimba ✓✓/ Inge ngathi
iyaxhentsa ✓✓ (2)
- 8.1.6 Sisibaxo ✓/ Ugqithiso ✓ (1)
- 8.1.7 Ifaniswa noThekwane, ✓ kuba yena uyintaka edume ngobuhle ✓ (2)
- 8.1.8 Umbhali usebenzise isichasaniso esiveza ubuhle, ✓ nobubi
bentambanane ✓ (2)
- 8.1.9 Zingumqondiso wobuhlungu obuviwa ngamantshontsho, ✓ exhwilwa
yintambanane. ✓ (2)
- 8.1.10 Imeko ezimbi xa intambanane ixhwila amantshontsho enkukhu ✓/
ukungaphatheki kakuhle komzi wakwankukhu namantshonstho. ✓ (2)
- 8.1.11 Uqaqambisa icala elihle ngaphezu kwecala elibi ✓✓/ Izitanza ezininzi
zithetha ngobuhle bentambanane ✓✓/ Imiqolo engama-24 ichaza
ubuhle bentambanane kanti engama-23 ichaza ububi
bentambanane ✓✓ (2)
- 8.1.12 Umbongo oncomayo. ✓ (1)

[18]

ISICATSHULWA B

- 8.2.1 Ubhekisa kumadoda ✓/ Basebuhlanti (1)
- 8.2.2 Sisikweko ✓ (1)
- 8.2.3 Uyagxininisa ✓ (1)
- 8.2.4 (a) Umfazi wayo ✓
(b) Ithanda isizwe ✓
(c) Ithanda nezalamane ✓ (3)
- 8.2.5 Intl'indod'eyinkokhel'ekhokel'usapho lwayo ✓ (1)
- 8.2.6 Imiqolo emithandathu yokuqala icacisa impawu zendoda eyiyo ✓✓/ Imiqolo emithandathu yokugqibela icacisa iimeko zobomi ehlangana nazo indoda yokwenene ✓✓/ Icacisa imiqobo eqabela kuyo indoda eyindoda ✓✓ (2)
- 8.2.7 AmaXhosa aya esuthwini ngale nyanga ✓✓/ Yinyanga apho amakhwenkwe angena ngayo ebudodeni. ✓✓ (2)
- 8.2.8 Hayi, kuba imihla ngemihla kupapashwa iimeko zokuphathwa kakubi kwamabhinqa ✓✓/ Amadoda amaninzi asoloko ebonakalisa iimpawu zokungayikhathaleli imizi yawo ✓✓

OKANYE

- Ewe, maninzi amadoda angamadoda eMzantsi Afrika, ukuba bekungenjalo ngeyisiwa iminzi eminzi kakhulu ✓✓/ Amadoda amaninzi eMzantsi Afrika azinkokheli zokwenyani. ✓✓ (2)
- 8.2.9 Ayithandi mabhinqa ✓ (1)
- 8.2.10 (a) Ezimanz'anzongonzongo inonzobila zezwe layo. ✓ (1)
(b) limeko ezimaxongo ezinzima nezinobungozi ethi ingene kuzo indoda ✓ (1)
- 8.2.11 Imbongi ichwayitile ✓/ Yonwabile ✓ (1)

[17]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70